‘inyathelo’ libhekisela kwisenzo sokumangala esiqaliswa ngokukhutshwa kweesamani;

‘isisombululo sembambano esisesinye’ sibhekisela kwinkqubo yaxa umntu ozimeleyo nongakhethi icala enceda amaqela athile azame ukusombulula imbambano ephakathi kwawo, enobana kungaphambi okanye kusemva kokuqalisa ukumangalelana;

‘isicelo’ sibhekisela kwisimangalo esiqaliswe ngokwenziwa kwesaziso;

‘ummangalelwa’ uquka nawuphi na umntu omangalelweyo nalo naliphi na iqela eliza kube lizithethelela kwimbambano ukuba kuyamangalelwana;

‘imbambano’ ibhekisela kwesona sizekabani sokumangalelana okanye esinokubangela ukumangalelana phakathi kwamaqela okanye inxalenye yaso;

‘ummangali’ ubhekisela kumntu wesimangalo;

‘isimangalo’ sibhekisela kwiinkqubo zenkundla eziqalwa ngeenkqubo zokuthatha inyathelo okanye zokufaka isicelo;

‘ukulamla’ kubhekisela kwinkqubo apho umlali enceda amaqela amangalelanayo okanye asenokumangalelana ukuba asombulule imbambano ephakathi kwawo ngokubhexesha iingxoxo phakathi kwala maqela, ewanceda abone iingxaki, awacacisele nangezinto ezifanele zinikwe ingqwalasela kuqala, ahlole iinkalo anokwaphulelana kuzo aze awabonise neendlela zokuzama ukusombulula loo mbambano;

‘iseshoni yokulamla’ ibhekisela kwixesha laxa umlamli kunye namaqela bebonisana ngendlela yokulamla imbambano;

‘umlamli’ ubhekisela kumntu okhethwe ngaloo maqela okanye ngumabhalana wenkundla kungenjalo unobhala wenkundla ngokweshedyuli ekubhekiselwe kuyo kumgaqo wama-86(2), ukuba alamle imbambano phakathi kwamaqela;

‘isimangalo esinokuvela’ sibhekisela kwisimangalo esinokuvela kwimbambano leyo;

‘isitatimente sebango’ sibhekisela kwisitatimente esibhaliweyo esityikitywe ngumntu lowo, apho achaza ibango lembuyekezo efanele yenziwe ngomnye umntu nalapho achaza ngokucacileyo nangokuthe ngqo izibakala ezibambekayo elisekelwe kuzo elo bango;

‘isitatimente sokuzithethelela’ sibhekisela kwisitatimente esibhaliweyo, esityikitywe ngummangalelwa, apho ummangalelwa achaza ngokucacileyo nangokuthe ngqo izibakala ezibambekayo ekusekelwe kuzo ukuzithethelela kwakhe.

Ukusetyenziswa kwemigaqo

74. (1) Imigaqo ekwesi saHluko isebenza xa amaqela ethobela ngokuzithela ukungena kwinkqubo yokulamla—

- (a) iimbambano ngaphambi kokuqaliswa kwesimangalo; kunye
- (b) nezimangalo esele ziqhuba njengoko zichaziwe kumgaqo wama-78 nowama-79.

(2) Le migaqo isebenza ezinkundleni eziya kutyunjwa nguMphathiswa ngokuzipapasha kwi*Gazethi*.

(3) Ukusetyenziswa kwale migaqo kuxhomekeka kumasolotya awo nawuphi na umthetho ongomnye nakwinkqubo echazwe kuwo nawuphi na umthetho ongomnye, ekulanyulweni kweembambano eziphakathi kwamaqela amangalelanayo.

Ukusa imbambano kulamlo

75. (1) Amaqela asenokusa imbambano yawo kulamlo—

- (a) ngaphambi kokuqaliswa kokumangalelana; okanye
- (b) emva kokuqaliswa kwesimangalo kodwa ngaphambi kwesigwebo; _ngaphandle kokuba xa ityala sele liqalisiwe kuya kufuneka ukuba loo maqela afumane isigunyaziso senkundla

(2) Igosa lenkundla linokuthi nangaliphi na ixesha emva kokuqaliswa kokumangalelana, kodwa ngaphambi kwesigwebo, abuze ukuthi kungenzeka na ukulamla loo mbambano aze anike amaqela lawo ithuba lokusa imbambano yawo kulamlo.

Imisebenzi neemfanelo zoomabhalana noonobhala

76. (1) Umabhalana okanye unobhala wenkundla ufanele acacisele onke amaqela—

- (a) injongo yesisombululo esisesinye kwimbambano, okuthetha ukuthi, iinjongo neenzuzo zaso, kuquka ukuphepha iindleko zokulamla; kunye
- (b) ngokuzibophelela kwiindleko zomlamli.

(2) Umabhalana okanye unobhala wenkundla ufanele—

- (a) azise amaqela ukuba anokuncedwa ziingcali azikhethileyo, ngeendleko zawo;
- (b) ekubonisaneni namaqela, uphumeza iimfanelo zakhe ngokomgaqo wama-77 nowama-78;
- (c) ukuba amaqela ayavuma ukulamlwa, ubanceda benze isivumelwano esibhaliweyo solamlo, esifanele sityikitywe; yaye
- (d) xa sigqityiwe isivumelwano solamlo, usigqithisela kumlamli—
 - (i) ikopi yesivumelwano ukuze alamle;
 - (ii) iikopi zesitatimente sebango nesitatimente sokuzithethela, ukuba ulamlo luza kuqhuba ngaphambi kokumangalelana;

- (iii) kwiinkqubo zokuthathwa kwenyathelo, iikopi zeesamani nesiingxengxeko, okanye isitatimente sokuzithethelela ukuba akukho siingxengxeko sifakiweyo; yaye
- (iv) kwiinkqubo zokufakwa kwesicelo, iikopi ezisekelwe kuso, iingxelo ezifunyelweyo zemibuzo neempendulo, okanye isitatimente sokuzithethelela, ukuba akukho ngxelo ifungelweyo efakiweyo.

Ukusa imbambano kulamlo ngaphambi kokuqaliswa kokumangalelana

77. (1) Umntu onqwenela ukusa imbambano kulamlo ngaphambi kokuqaliswa kokumangalelana ufanele enze isicelo esibhaliweyo kumabhalana okanye unobhala wenkundla, oya kuba negunya lokuwuba loo mbandela, xa kunokuqaliswa ukumangalelana.

(2) Isicelo ekubhekiselwe kuso kumgaqo omncinane (1) sifanele sibonise—

(a) enobana isicelo esingembuyekezo ebangwa ngomnye okanye ngokuchasene nomnye umntu ofuna ulamlo;

(b) amagama apheleleyo omnye umntu okanye abantu okanye igama okanye amagama awaziwa ngawo omnye umntu okanye abantu abakwimbambano leyo ngulowo ofuna ulamlo;

(c) iidilesi zendawo okanye zeposi yomntu umntu okanye abantu abakwimbambano leyo;

(d) inombolo yefeksi okanye idilesi ye-imeyili yomntu ofuna ulamlo, ukuba loo mntu unayo inombolo yefeksi okanye idilesi ye-imeyili; kunye

(e) uhlobo lwimbambano nezibakala ezibambekayo ezingunozala waloo mbambano.

(3) Umabhalana okanye unobhala wenkundla ufanele azise onke amaqela akwimbambano ukuba kufunwa ulamlo aze acele umntu ofuna ulamlo nawo onke amanye amaqela ukuba babekho kwinkomfa kwisithuba seentsuku ezil-10, ngenjongo yokufumanisa enobana onke na amaqela okanye athile kuwo ayavuma kusini na ukusa le mbambano kulamlo.

(4) Ukuba inkomfa ekubhekiselwa kuyo kumgaqo omncinane (3), athile kuwo okanye onke amaqela anokulamlwa, ayavuma ukusa imbambano kulamlo, umabhalana okanye unobhala wenkundla ufanele—

- (a) athi ngokubambisana nala maqela amisele umlamli okanye, ukuba amaqela akavumelani ngomlamli othile, umabhalana okanye unobhala wenkundla amisele umlamli;
- (b) alumane indlebe nomlamli baze babeke usuku, ixesha nendawo yolamlo, yaye
- (c) ancede amaqela enze isivumelwano esibhaliweyo solamlo phakathi kwamaqela, esiya kutyikitywa ngawo nesinezi nkcukacha zilandelayo:
 - (i) linkcukacha ezikubhekiselwe kuzo kumgaqo omncinane wesi-2(b), (c) nalo (d);
 - (ii) isitatimente esithi amaqela ayavuma ukulamla le mbambano ephakathi kwawo;
 - (iii) usuku, ixesha nendawo yolamlo;
 - (iv) igama lomlamli;
 - (v) ixesha eliza kuthathwa yiseshoni nganye yolamlo;

- (vi) Ixesha ekuya kugqitywa ngalo ulamlo liya kugqitywa nangaliphi na ixesha okanye amaxesha asenokwandiswa;
- (vii) ukugcina iimfihlo nelungelo elinxulumene nezinto ezidizwayo kulamlo;
- (viii) Iziphumo nezaliphi iqela elingabambanga isivumelwano; kwaye
- (ix) xa kukho amaqela amaninzi kwimbambano, imiqathango yaso nasiphi na isivumelwano sembuyekezo ayibopheleli naliphi na iqela elingeyonxalenye yolamlo.

(5) Umntu ofaka ibango lembuyekezo ufanele afake isitatimente sebango kumabhalana okanye unobhala wenkundla kwisithuba seentsuku ezili-10 zokutyikitywa kwesivumelwano ekubhekiselwe kuso kumgaqo omncinane 4(c), aze agqithise ikopi yesitatimenti sebango kwamanye amaqela neeNkqubo solamlo.

(6) Umntu achaseneyo lembuyekezo ebonwayo ufanele afake isitatimente sokuzithethelela kumabhalana okanye unobhala wenkundla kwisithuba seentsuku ezili-10 zokufunyanwa kwesitatimente sebango, aze agqithise ikopi yesitatimente sokuzithethelela kuwo onke amanye amaqela eenkqubo zolamlo.

Ukusiwa kwembambano kulamlo ngabamangalelanayo

78. (1) (a) Nawuphi na umntu othi kulo naliphi na inqanaba emva kokuba ukumangalelana kuqalile, kodwa ngaphambi kokuxoxwa kwetyala, acele umabhalana okanye unobhala wenkundla, ngokubhala, ukuba loo mbambano ibhekiswe kulamlo.

(b) Umabhalana okanye unobhala wenkundla ufanele achazele bonke abanye abantu akwimbambano leyo ukuba kukho umntu ofuna le mbambano ilanyuwe yaye ufanele acele loo mntu ofuna ulamlo nabo bonke abanye abantu ukuba babekho kwinkomfa kwisithuba seentsuku ezili-10 ngenjongo yokufumana enobana bonke okanye abathile bayavumelana na nolamlo.

(2) Emva kokuqaliswa kokuxoxwa kwetyala kodwa ngaphambi kwesigwebo nawuphi na umntu nokufaka isicelo enkundleni sokusa loo mbambano kulamlo.

(3) Ukuba inkundla isa loo mbambano kulamlo, amasolotya omgaqo omncinane wesi-(4) nakumgaqo omncinane wama-76(2) nowama-77(4) ayasebenza.

(4) (a) Kwimiba yokuthathelwa amanyathelo, ukuba izicelo zivaliwe, iisamani okanye izibhengezo kunye nezicelo, njengoko kubhekiselwe kuzo kule migaqo, ziya kuba sisitatimente sebango nesokuzithethelela ngokushiyana kwazo.

(b) Ukuba isicelo asihanjiswanga, ummangalelwa ufanele asihambise isitatimente sokuzithethelela kwisithuba seentsuku ezili-10 zokuqukunjelwa kwesivumelwano solamlo.

(c) Kwimiba yezicelo, ingxelo efungelweyo yesicelo eso iya kuba sisitatimente sebango nengxelo efungelweyo yokuziphendulela, ukuba ihanjisiwe, iya kuba sisitatimente sokuzithethelela.

(d) Ukuba akukho ngxelo ifungelweyo ehanjisiweyo, ummangalelwa ufanele ahambise isitatimente sokuzithethelela kwisithuba seentsuku ezili-10 zokuqukunjelwa kwesivumelwano solamlo.

Ukusiwa kwembamba kulamlo yinkundla

79. (1) Inkundla inganyanzeleka, ukuba ngexesha letyala kodwa ngaphambili kwesigwebo, bacele uku

ukuba kungangenelelwa na kulawulo mbambano kwaye ngokwamaqela ithuba lokubhekisela kwiklaka okanye umbhalisi wenkundla ukuba aqhube ulawulo mbambano.

(2) Ukuba kuthi ngaphambi kokuthethwa kwetyala amaqela avume ukuba le mbambano ingasiwa kulamlo, loo maqela afanele acele inkundla ukuba ise le mbambano kumabhalana okanye unobhala wenkundla ukuba aququzelele ulamlo.

(3) Amasolotya omgaqo wama-76(2), owama-77(4) nowama-78(4) asebenza ukuba imbambano isiwe kulamlo phantsi kwalo mgaqo.

Indima nemisebenzi yomlamli

80. (1) Xa kuqaliswa ulamlo umlamli ufanele azise amaqela lawo oku kulandelayo:

- (a) linjongo zolamlo nezinto ekujoliswe kuzo ekubhexesheni ukuzinziswa kwembambano phakathi kwamaqela;
- (b) indima yokubhexesha yomlamli njengomlamli ongakhethi icala ongenakwenza naziphi na izigqibo ngezibakala okanye umthetho nongenokugweba nawuphi na umntu othatha inxaxheba kulamlo njengonyanisileyo;
- (c) ukuncinwa okwenziwa kwiinkqubo zolamlo;
- (d) imigaqo esebenzayo kwiseshoni yolamlo;
- (e) zonke iingxoxo nezinto ezidizwayo apho, enoba zithethiwe okanye zibhaliwe, ngethuba lokulamla ziyimfihlo yaye azamkeleki njengobungqina kuyo nayiphi na inkundla, inkundla yamatyala okanye elinye iqonga elizimeleyo, ngaphandle kokuba iingxoxo nezinto ezidizwayo apho zibhaliwe kwisivumelwano sokuzinziswa kwembambano esityikitywe ngala maqela, okanye zifunyenwe ngokwemigaqo yenkundla, okanye ngokwawo nawuphi na omnye umthetho;
- (f) umlamli usenokuthi ngethuba leseshoni yolamlo akhuthaze amaqela ukuba adize yonke into ukuba ngokokubona kwakhe umlamli oko kudiza kungeza nesisombululo kwimbambano ephakathi kwala maqela;

- (g) akukho mntu ufanele anyanzelwe ukuba adize nantoni na, kodwa umntu usenokudiza izinto ngokuzithandela ekwakhuselwe ngumgaqo omncinane we-(1)(e);
- (h) umlali uya kunceda ekuqulunqeni isivumelwano sokuzinziswa kwembambano ukuba isonjululwe loo mbambano; yaye
- (i) ukuba imbambano ayisonjululwanga, umlamli uya kuyibuyisela kwakumabhalana okanye unobhala wenkundla loo mbambano, emazisa ukuba le mbambano ayisombululeki.

(2) Umlamli ufanele athi, kwisithuba seentsuku ezi-5 zokuqukumbela ulamlo, afake ingxelo kumabhalana okanye unobhala wenkundla emazisa ngeziphumo zolamlo.

(3) Umlamli usenokuyirhoxisela olu usuku iseshoni yolamlo ukuba amaqela ayavuma.

Ukurhoxiswa okwexeshana kwemida yamaxesha

81. Imida yamaxesha echazwe kwimigaqo ekwisaHluko 1 yokuhanjiswa kwezicelo nezaziso, ukufakwa kweengxelo ezifungelweyo okanye ukuthatha kwakhe nawuphi na kwaba bamangalelanayo inyathelo kuyarhoxiswa okwexeshana ukususela ekuqukunjelweni kwesivumelwano ukuya kutsho ekuqukunjelweni kweenkqubo zolamlo.

Izivumelwano zokuzinziswa kwembambano

82. (1) Xa amaqela efikelela ekuyizinziseni imbambano, umlamli ufanele awancede amaqela ekuqulunqeni isivumelwano sokuzinziswa kwembambano, esifanele sigqithiswe ngumlamli asise kumabhalana okanye unobhala wenkundla.

(2) Ukuba ukuzinziswa kwembambano kwenzeke ekulanyulweni kwembambano ebiyinxalenye yokumangalelana, umabhalana okanye unobhala wenkundla, ufanele athi esakufumana isivumelwano sokuzinziswa kwembambano kumlamli, asigcine eso sivumelwano sokuzinziswa kwembambano kwiifayile.

(3) Ukuba akufikelelwanga ekuzinzisweni kwembambano ebingeyonxalenye yokumangalelana, umabhalana okanye unobhala wenkundla ufanele athi esakufumana ingxelo yomlamli, agcine loo ngxelo kwiifayile.

(4) Ukuba kufikelelwe ekuzinzisweni kwembambano ngethuba lolamlo eyinxalenye yokumangalelana, umabhalana okanye unobhala wenkundla ufanele athi ngokucelwa ngamaqela lawo nasemva kokuba efumene isivumelwano sokuzinziswa kwembambano kumlamli, athi thaca isivumelwano sokuzinziswa kwembambano phambi kwegosa lenkundla kumagumbi angaphakathi ukuze aphawule ukuba imbambano leyo izinzisiwe okanye enze eso sivumelwano sibe ngumyalelo wenkundla, xa evumelana amaqela.

(5) Ukuba akufikelelwanga kwisivumelwano sokuzinziswa kwembambano ngethuba lolamlo kwimbambano ebiyinxalenye yokumangalelana, umabhalana okanye unobhala wenkundla ufanele athi esakufumana ingxelo yomlamli, ayigcine kwiifayile loo ngxelo aze avumele izimangalo ziqhubeke, ekuya kuthi ngoko yonke imida yamaxesha eberhoxiswe okwexeshana iqalise ukusebenza.

(6) Izivumelwano zokuzinziswa kwembambano zifanele zibhalwe phantsi zize zityikitywe ngamaqela lawo.

Amaqela amaninzi neembambano ezininzi

83. (1) Apho kukho amaqela amaninzi anembambano, amaqela avumelanayo ukuba alanyulwe afanele aqhubele phambili esenjenjalo yaye amaqela angavumelanayo wona ukuba alanyulwe afanele aqhubeke nezimangalo.

(2) Apho kukho izinto eziliqela eziyimbambano, amaqela asenokuvumelana ukuba kwezinye izinto mawafune ukulamlwa zize ezinye ziye enkundleni.

(3) Apho kukho naziphi na izinto ezithe zasala zingazinziswanga emva kolamlo, amaqela asenokuqhubeka nezimangalo kwezo zinto zingakhange zizinziswe.

Iintlawulo zabalamli

84. (1) Amaqela athatha inxaxheba kulamlo abophelelekile ngokuhlawula iintlawulo zomlamli, ngaphandle kokuba iinkonzo zaloo mlamli zifumaneka simahla.

(2) Uxanduva mayela neentlawulo zomlamli lufanele luthwalwe ngokulinganayo ngawo onke amaqela athatha inxaxheba kulamlo: Ngaphandle kokuba naliphi na iqela liyazinikela ekuhlawuleni okanye lithembisa ukuhlawula zonke iintlawulo zomlamli.

(3) Amaxabiso eentlawulo ezibizwa ngabalamli aya kupapashwa nguMphathiswa kunye neshedyuli yabalamli abaqinisekisiweyo ekuthethwe ngabo kumgaqo wama-86(2).

Ukumelwa kwamaqela kwiinkqubo zolamlo

85. (1) Ngokomgaqo omncinane wesi-(2) nowesi-(3), amaqela alanyulwayo afanele abekhona buqu kwiiseshoni zolamlo.

(2) Ukuba ngumntu okanye inkampani okanye intlangano yezomthetho ethatha inxaxheba kwiinkqubo zolamlo loo ntlangano ifanele imelwe ligosa laloo mntu, inkampani okanye intlangano, elifanele libe ligunyaziswe ngokufanelekileyo ukumela loo ntlangano, ukuze enze isivumelwano sokuzinziswa kwaloo mbambano aze asityikitye eso sivumelwano sokuzinziswa kwembambano egameni laloo ntlangano.

(3) Ukuba ngurhulumente okanye intlangano karhulumente ethatha inxaxheba kwiinkqubo zolamlo, urhulumente okanye loo ntlangano ifanele imelwe ligosa, eligunyaziswe ngokufanelekileyo ukumela urhulumente okanye loo ntlangano ukuze lenze isivumelwano sokuzinziswa kwembambano lize lityikitye egameni likarhulumente okanye loo ntlangano isivumelwano sokuzinziswa kwembambano, yaye lincedwe liGqwetha likaRhulumente.

(4) Nawuphi na umntu oya kwiinkqubo zolamlo unokuncedwa yingcali okanye iingcali.

Iziqinisekiso zabalamli

86. (1) Imfundo, imigaqo nomgangatho wabalamli abaya kulamla ngokwale migaqo, iya kugqitywa nguMphathiswa.

(2) Ishedyuli yabalamli abaneziqinisekiso, abaya kukhethwa kuyo abalamli ngokwesi saHluko, iya kupapashwa nguMphathiswa.

Iifomu nemigaqo yesikhokelo

87. Iifomu nemigaqo yesikhokelo yokunceda amaqela, oomabhalana benkundla, oonobhala benkundla, amagosa enkundla nabalamli ngokuphathelele iinkqubo zolamlo iya kupapashwa kunye nokubhengezwa kwale migaqo.

Uhlengahlengiso lomgaqo wama-70 wemiGaqo

3. Umgaqo wama-70 wemiGaqo uhlengahlengiswa ngokuthathelwa indawo kwenombolo "70" yinombolo "88".

Uhlengahlengiso kokuqhotyeshelweyo kulemiGaqo

4. Iziqhotyeshelwiso kulemiGaqo ziyahlengahlengiswa ngokufakelelwa emva KweSiqhotyeshelwiso 2 kweSiqhotyeshelwiso silandelayo:

ANNEXURE 3

Ifomu zolawulo mbambano

(UMGAQO 87)

Ifomu nombolo:

MED-1	Ukufaka isicelo sokuba udluliselwe kuMlawuli mbambano
MED-2	Isimemo sokuba vuma ukuthatha inxaxheba kulawulo mbambano
MED-3	Ukufaka isicelo sokuba udluliselwe kumlawuli mbambano
MED-4	Isimemo kulawulo mbambano emveni kokuba ityala liqalile
MED-5	Ingcaciso yenkqubo namalungelo
MED-6	Isivumelwano solawulo mbambano
MED-7	Isilumkiso kwiHolo yeMali ukufumana intlawulo yemali yomlawuli mbambano
MED-8	Isiteyithimenti sobango
MED-9	Isiteyithimenti sokuzikhusela
MED-10	Imiyalelo yokulawula imbambano
MED-11	Umiso lolawulo mbambano
MED-12	Ishiti yexesha yolawulo mbambano
MED-13	liphumo zolawulo mbambano
MED-14	Uzinzo lwesiVumelwano
MED-15	Ingxelo yomlawuli mbambano

FORM MED-1
(imigaqo 77(1) kunye no- (2))

INKUNDLA:

INOMBOLO YEFAYILE:

UKUFAKA ISICELO SOKUBA UDLULISELWE KUMLAWULI MBAMBANO

(Ngokwesimangalo)

AMAQELA:

AA

Ummangali

Kunye

BB

Ophendulayo

(Kufuneke igcwaliswe ngumbangi/nguklaka wolawulo mbambano)

1. Mna lo osayine apha ngezantsi, Umbangi, Ummeli woMbangi, sifaka isicelo sokusiwa kulawulo mbambano sengxaki ephakathi kwala maqela.

2. Iinkcukacha zam/iinkcukacha zeziko endilimele zezi:

Ifani/Igama

Amagama

Idilesi yokuhlala

Idilesi yeshishini

Idilesi yeposi _____
 Imfonomfono _____
 Inombolo kanomyayi _____
 Inombolo yefeksi _____
 Imeyile _____

3. Iinkcukacha Zalowo Ubuzwayo:

Ifani/Igama _____
 Amagama _____
 Idilesi yokuhlala _____
 Idilesi yeshishini _____
 Idilesi yeposi _____
 Imfonomfono _____
 Inombolo kanomyayi _____
 Inombolo yefeksi _____
 Imeyile _____

4. Isishwankathelo sokubangwayo ngumbangi:

Ityikitywe e- _____ nge- _____ kusuku lwe- _____

 UMBANGI
 ONOKUMELA SIQU/
 IGUNYAZISWE
 NGOKUFANELEYO
*(faka ikopi yogunyaziso/
 isisombululo)*

FORM MED-2

(Umgaqo 77(3))

INKUNDLA:

INOMBOLO YEFAYILE:

ISIMEMO SOKUBA VUMA UKUTHATHA INXAXHEBA KULAWULO MBAMBANO
(Ngaphambili kokuqala isimangalo)

Amaqela:

AA

Ummangali

Kunye

BB

Ophendulayo

(Kufuneke igcwaliswe nguklaka wolawulo mbambano)

IINKCUKACHA ZOPHENDULAYO

Ifani/Igama _____

Amagama _____

Idilesi yokuhlala _____

Idilesi yeshishini _____

Idilesi yeposi _____

Imfonomfono _____

Inombolo kanomyayi _____

Inombolo yefeksi _____

Imeyile _____

1. Ukulawula imbambano yinkqubo apho iingxaki zingalungiswa ngokuzola ngoncedo lomlawuli mbambano ongakhetha cala ngokukhawuleza kwaye elungile emalini.
2. Umbangi ufake isicelo sokulawulelwa ngakuwe ngokubonisiwe kwesi sicelo songenelelo esincanyathiselwe.
3. Uyamenywa yiklaka yomlawuli mbambano wale nkundla ingentla ukuba uze entlanganisweni ngeenjongo zokucacisa inkqubo yongenelelo emveni koko, ngesivumelwano, ucinge isivumelwano sokungenelela. Oku kunganqanda ukuqhubeka ngokusemthethweni kwenkundla ngakuwe.
4. Intlanganiso iza kuthatha ixesha e- _____ ikwiGumbi _____,
_____ KwiNkundla kaMantyi e- _____ ekuseni/ebusuku.

IKLAKA YOLAWULO
MBAMBANO
UMHLA WESITAMPU

FORM MED-3

(Umgaqo 78(1))

INKUNDLA:

INOMBOLO YEFAYILE:

UKUFAKA ISICELO SOKUBA UDLULISELWE KUMLAWULI MBAMBANO**(Emveni kokuqala isimangalo)**

AMAQELA:

AA

Ummangali

Kunye

BB

Ophendulayo

(Kufuneke igcwaliswe ngamaqela/nguklaka wolawulo mbambano)

1. IMna lo osayine apha ngezantsi, Umbangi, Ummeli woMbangi, sifaka isicelo sokusiwa kulawulo mbambano sengxaki engaphantsi kwecala lenkundla enguNombolo _____

2. IINKCUKACHA ZOPHENDULAYO

Ifani/Igama _____

Amagama _____

Idilesi yokuhlala _____

Idilesi yeshishini _____

Idilesi yeposi _____

Imfonomfono _____

Inombolo kanomyayi _____

Inombolo yefeksi _____

Imeyile _____

3. IINKCUKACHA ZOPHENDULAYO:

Ifani/Igama _____

Amagama _____

Idilesi yokuhlala _____

Idilesi yeshishini _____

Idilesi yeposi _____

Imfonomfono _____

Inombolo kanomyayi _____

Inombolo yefeksi _____

Imeyile _____

4. Isishwankathelo sebango/ukuzikhusela

Ityikitywe e- _____ ngo-

kusuku lwe-

UMBANGI/OPHENDULAYO

*(Ukuba umbangi ongaphezulu kwesinye okanye isihlomelo somphenduli esisecaleni
sisetyenzisiwe ukunikeza iinkcukaca zabanye ababangi kunye okanye abaphenduli)*

FORM MED-4

(Umgaqo 78(1))

INKUNDLA:

INOMBOLO YEFAYILE:

ISIMEMO KULAWULO MBAMBANO**(Emveni kokuqala isimangalo)**

AMAQELA:

AA

Ummangali

Kunye

BB

Ophendulayo

(Kufuneke igcwaliswe nguklaka wolawulo mbambano)

IINKCUKACHA ZOMFAKI SICELO/OPHENDULAYO

Ifani/Igama _____

Amagama _____

Idilesi yokuhlala _____

Idilesi yeshishini _____

Idilesi yeposi _____

Imfonomfono _____

Inombolo kanomyayi _____

Inombolo yefeksi _____

Imeyile _____

1. Ukulawula imbambano yinkqubo apho iingxaki zingalungiswa ngokuzola ngoncedo lomlawuli mbambano ongakhetha cala ngokukhawuleza kwaye elungile emalini.
2. Umbangi./Ophendulayo ufake isicelo solawulo mbambano kwinxaki phakathi kombang/ophendulayo, njengokuba kubekiwe isicelo esincanyathiselwe solawulo mbambano.
3. Uyamenywa yiklaka yomlawuli mbambano wale nkundla ingentla ukuba uze entlanganisweni ngeenjongo zokucacisa inkqubo yongenelelo emveni koko, ngesivumelwano, ucinge isivumelwano sokungenelela.
4. Ngaphandle kwesimangalo esiqhubayo, uyamenywa ukuba uzokulawula imbambano.
5. Intlanganiso izakuqhubeka e--_____ikwiGumbi_____, _____
KwiNkundla kaMantyi e-_____ ekuseni/ebusuku.

IKLAKA YOLAWULO
MBAMBANO
UMHLA WESITAMPU

FORM MED-5
(Umgaqo 76(1) & (2))

INKUNDLA:

INOMBOLO YEFAYILE:

INGCACISO YENKQUBO & NAMALUNGelo

AMAQELA

AA

Ummangali

Kunye

BB

Ophendulayo

Amaqela alapha ayakungqina ukuba:

1. Baxelexwe ngoku kulandelayo:
 - (a) Injongo yenye indlela yokulungisa ingxaki;
 - (b) Intsingiselo, iinjongo kunye nenxamlo yolawulo mbambano;
 - (c) Ukusindisa imali okudla ngokwenzeka kulawulo mbambano;
 - (d) Banexanduva elilinganayo lokuhlawula imali yomlawuli mbambano, kodwa neliphi icala lingakhetha ukuhlawulela imali yomlawuli mbambano iphelele;
 - (e) Bangancediswa ngabameli bomthetho abakhethwe ngabo, kwinkqubo yesisombululo mbambano, kodwa iindleko zabo bameli bomthetho zezabo.
2. Abanyanzelekanga ukuba bazise ingxaki ephakathi kwabo kulawulo mbambano, kodwa ukuba bayangena kulawulo mbambano, banokhetho lokuqhubeka nesimangalo, ukuba ulawulo mbambano aluphumeleli.

Ityikitywe nguMbangi/ igqwetha e- _____ ngo- _____

Ityikitywe ngoPhendulayo/ igqwetha e- _____ ngo-

IKLAKA YOLAWULO MBAMBANO

FORM MED-6
(Umgaqo 77(4) & (3))

INKUNDLA:

INOMBOLO YEFAYILE:

ISIVUMELWANO SOLAWULO MBAMBANO
(Ngaphambi kwesimangalo nasemveni kwaso)

AMAQELA:

AA

Ummangali

Kunye

BB

Ophendulayo

(Kufuneke igcwaliswe nguklaka wolawulo mbambano)

Thina, abasayine ngezantsi, (embeni kokuba sichazwe "njengamaQela") siyavuma ukulawula imbambano yengxaki ephakathi kwethu, njengoko kubekiwe kwisiCelo sokuKhonjwa kuLawulo Mbambano, kwimimmiselo nemiqathango yesivumelwano.

1. IINKCUKACHA ZOPHENDULAYO

Ifani/Igama _____
Amagama _____
Idilesi yokuhlala _____
Idilesi yeshishini _____
Idilesi yeposi _____
Imfonomfono _____
Inombolo kanomyayi _____
Inombolo yefeksi _____
Imeyile _____

2. IINKCUKACHA ZOPHENDULAYO:

Ifani/Igama _____
 Amagama _____
 Idilesi yokuhlala _____
 Idilesi yeshishini _____
 Idilesi yeposi _____
 Imfonomfono _____
 Inombolo kanomyayi _____
 Inombolo yefeksi _____
 Imeyile _____

3. UMLAWULI MBAMBANO

Amagqina apha ayavuma ukuqasha lomlawuli mbambano okankanyiwe ngezantsi:

Ifani _____
 Amagama _____
 Idilesi _____
 Imfonomfono _____
 Inombolo kanomyayi _____
 Inombolo yefeksi _____
 Imeyile _____

4. IMALI YOMLAWULO MBAMBANO

- 4.1 Amaqela kunye nomlawuli mbambano bayavuma ukuba imali eya kumlawuli mbambano iza kuhlulwa ngokwemali ebekiwe nguMphathiswa.
- 4.2 Imali ehlawulwe ngaphambili eyi- R_____ ngakwimali yomlawuli mbambano kunye nencitho, ngokuqikelelwe yiklaka yolawulo mbambano, iza kubhatalwa kwiklaka yenkudla ukususela kokulalisa ulawulo mbambano. Nayiphi imali engasebenzanga, ehlawulwe ngaphambili, iza kubuyiselwa kuMaqela.
- 4.3 Amaqela aza kudibana kwaye bazakubanamaxandauva amaninzi emali yomlawuli mbambano kunye nenkcitho.

4.4 Ukuba intlawulo ayenziwanga ngexesha, umlawuli mbambano nga, ngokwesigqibo sakhe, ayeke wonke umsebenzi awenzela Amaqela kwaye arhoxe kulawulo mbambano.

4.5 Amaqela ayakuqonda ukuba baza kuba noxanduva lweeyure ezimbini Izomlawuli mbambano zale mali ekankanywe ngentla zexesha ebelibekile abaya kwaye abanikeza isaziso sokumisa nokuba kungeyure ezingaphambi kwama- 24 exesha.

5. UMHLA, IXESHA, NENDAWO

5.1 Ulawulo mbambano luza kubanjwa ngo- / / e-
ekuseni/ebusuku.

5.2 Indawo yokulawula imbambano iza kubase-

kodwa ingatshintshwa ngesivumelwano phakathi kwamaQela kunye nomlawuli mbambano.

6. UBUDE BOLAWULO MBAMBANO

Amaqela ayavuma ukuba ubude obulindelwe bokulawula imbambano ngu-
_____weeyure/iintsuku.

7. INKQUBO YOLAWULO MBAMBANO

7.1 Amaqela funeke aqonde ukuba ulawulo mbambano yinkqubo apho umlawuli mbambano ekhokhela unxibelelwano phakathi kwamaQela kwaye ngaphandle kokubagqibela imeko okanye ukunika isissombululo kumaQela, uyabavumela baqonde iimeko kwaye bafikelele kwisigqibo esinye ukuxazulula ingxaki yabo.

7.2 Amaqela ayakuqonda ukuba kwakwamaqela, ngemvumelwano nomlawuli mbambano, ukuqikelela ubungakanani bolawulo mbambano kwaye oku kuza kuphunyezwa kusekwangoko kwinkqubo yolawulo mbambano.

8. UBUME BOLAWULO MBAMBANO

- 8.1 Amaqela ayakuqonda ukuba ulawulo mbambano yinkqubo yokufikelela kwisivumelwano mbambano apho umlawuli mbambano enceda khona amaqela ukuba afikelele kwisivumelwano ngokudibene, ngokuvumelana ngokulinganayo kwaye ngendlela ebonakalayo.
- 8.2 Kuye kuqondwe ukuba umlawuli mbambano akanagunya ukuba agqibe ngeemeko ekungavunyelwananga ngazo ngamaQela.
- 8.3 Amaqela ayayiqonda ukuba ulawulo mbambano aluthathi ndawo yeengcebiso ezizimeleyo zomthetho.
- 8.4 Amaqela ayaziqonda iinjongo zomlawuli mbambano ukuba kukujonga amaQela ngokwawo efika kwesona sigqibo esigcono nesibalungele. Amaqela ayakuqonda ukuba umlawuli mbambano unoxanduva lokusebenza endaweni yeqela ngalinye ngokulinganayo kwaye umlawuli mbambano akanako ukunikeza ingcebiso yomthetho nakweliphi iqela kwaye akazunikeza mpiliso ngaphakathi kolawulo mbambano.
- 8.5 Amaqela ayachaza ukholo lwabo olulungile lwenjongo zokugqba ulawulo mbambano ngesivumelwano. Nangona, kuqondwa ukuba neliphi iqela lingarhoxa okanye liziphumele nangaliphi ixesha, nangesiphi isizathu.
- 8.6 Amaqela ayaqonda ukuba umlawuli mbambano angamisa okanye aphelisi ulawulo mbambano xa ebona ukuba ulawulo mbambano luza kuqhuelela ekubini okanye iziphumo ezingenazizathi, ukuba umqhubi mbambano uva oko ukuba akuqhutyekwa, okanye umlawuli mbambano akaziva ukuba indawo yakhe akasayenzi kakuhle.

9. UKUNGAKHETHI CALA KOMLAWULI MBAMBANO

- 9.1 AmaQela ayaqonda ukuba umlawuli mbambano makahlale engakhethi cala oko nasemveni kwenkqubo yolawulo mbambano. Umlawuli mbambano ke ngoko akazukhetha iminqweno yelinye icala ngaphezulu kwelinye kulawulo mbambano okanye nakweyiphi inkundla okanye inkqubo.
- 9.2 Umlawuli mbambano uza kuveza iikopi zokuthatha inxaxheba, iimvumelwano ezobhaliwe, kunye namaxwebhu abhaliwe aya kubameli bamaQela ngesicelo seqela.

9.3 Umlawuli mbambano anganxibelelena nabo ngokwahlukeneyo namaqela embambano, kulo meko lezo ngxoxo ziza kubayimfihlo phakathi komlawuli mbambano kunye nelo qela ngaphandle kokuba bagqiba ngenye into.

10. UKUKHUSELWA YIMITHETHO EKONAKALENI KOMLAWULI MBAMBANO

Amaqela ayavuma ukuba umlawuli mbambano akazukubanetyala lwezinto okanye okuphumayo ngqo okanye ngokungathanga ngqo kulawulo mbambano.

11. UKUVEZA NGOKUPHELELEYO

IQela ngalinye liyavuma ukuveza ngokuphelele nangenyaniso yonke inkcukacha esondlele kuye namaxwebhu, ngokucelwe ngumlawuli mbambano, kwaye kunye neziphi iinkcukacha ezicelwe naleliphi iqela kulawulo mbambano, ukuba umlawuli mbambano uyaqikelela ukuba olo vezo lubalulekile kuwingxoxo yolawulo mbambano.

12. UKUGCINWA KWEMFIHLO

12.1 Kuyaqondeka ngaphakathi kwamaQela kunye nomlawuli mbambano ukuba inkqubo yolawulo mbambano iza kubayeyabucale ngokwenene kwaye ayizukubanamkhethe.

12.2 Ingxoxo yolawulo mbambano, ebhaliwe oknaye exoxwa ngomlomo, nyasiphi isisombululo esakhiwe, kunye naziphi izivumelwano ezingatyikitywanga azikukwamkelwa nakweyiphi inkqubo yenkundlwa, ngaphandle koku ezo nkcukacha zifunyenwe ngemigaqo eqhelekile yenkundla. Iza kubasisivumelwano esingenelelwe kuphela, satyikitywa ngamaQela esingamkeleka.

12.3 Amaqela ayaqhubeka evuma ukuba akazukubiza umlawuli mbambano ukuba angqine ngokudibene nolawlulo mbambano okanye anikeze nayiphi na into esuka kulawulo mbambano enkundleni zamatyala eziphakathi kwala maQela.

12.3 Amaqela ayaqonda ukuba umlawuli mbambano unexanduva lomthetho ukuba angophula imfihlo ukuba ukrokrela ukuba kukho umntu osengozini yokwenzakala.

13. ISIMANGALO

Amaqela ayavuma ukuba azakurhixa kwinjongp ezingalunganga kunye nokuqhubeka nomthetho njengotshaba (ngaphandle kokuba imeko ingxamisekile ukuba kubekho elo nyathelo), ngoku basaqhubeka nolawulo mbambano.

14. OKUCETYISIWE

Amwaqela ayayazi ukuba inkqubo yolawulo mbambano ayizukumisa, ihlale okanye iphazamise iingcebiso nezaliphi iqela lobango kwaye ilungelo lixhomekeke nakweliphi iqela ukuthatha amanyathelo ukuphazamisa nala ngcebiso ngexesha lolawulo mbambano.

15. ISIVUMELWANO SOKUZINZISWA KWEMBAMBANO

Ukuba amaQela aye ayixazulula ingxaki phakathi kwabo, amaQela ayavuma ukwehlisa imimiso yozinzo ngokubhala, ngokuncediswa ngumlawuli mbambano.

16. OKOPHULWA KWESIVUMELWANO

Neliphi iqela elephula isivumelwano liza kubanexanduva kwaye liza kubuyisela imali elo qela lingaphulanga mthetho kwaye nomlawuli mbambano nakweyiphi ilahleko, inkcitho, amatyala nemali, ukuquka imali yamagqwetha, ebitha yakhona ngenxa yesizathu sokophula lo mthetho.

17. IIMEKO EZINGAFANI NOKUNIKEZA NGAMALUNGELO OMTHETHO

Amaqela ayavuma ukuba izilungiso, unikezo gamalungelo omthetho okanye ukwehluka kwemimiso yesivumelwano kufuneke kubhalwe kwaye kusayinwe ngamaqela onke, ukuquka nomlawuli mbambano.

ITYIKITYWE E-_____ NGE-_____

AMANGQINA:

1. _____

2. _____

UMBANGI

NOKUMELA SIQU/

IGUNYAZISWE NGOKUFANELEYO

(faka ikopi yogunyaziso/

isisombululo)

AMANGQINA:

1. _____

2. _____

OPHENDULAYO

ONOKUMELA SIQU/

IGUNYAZISWE NGOKUFANELEYO

(faka ikopi yogunyaziso/

isisombululo)

FORM MED-7

INKUNDLA:

INOMBOLO YEFAYILE:

ISAZISO SOKUFUMAMA IIMALI ZOMLAWULI MBAMBANO

AMAQELA:

AA

Ummangali

Kunye

BB

Ophendulayo

Iya: Iholo yemali/Iklaka yeNkundla

Nceda yamkela esi sixa semali se_____ endaweni yoMbangi/Ophendulayo, njengemali ebekwa kuqala/imali eqhubekayo yentlawulo yolawulo mbambano.

Iinkcukacha:

Umlawuli mbambano_____

Umhlawi kulawula mbambano_____

Uqikelelo lobude okulawula imbambano_____

IKLAKA YOLAWULO
MBAMBANO
UMHLA WESITAMPU

FORM MED-8
(Umgaqo 77(5))

INKUNDLA:

INOMBOLO YEFAYILE:

ISITEYITHIMENTI SEBANGO

AMAQELA:

AA

Ummangali

Kunye

BB

Ophendulayo

(Kufuneke igcwaliswe ngumbangi)

Ingcaciso yebango

Chaza:

(a) Umhla nengcaciso yesiganeko.

(b) Indlela yokwephulwa okanye ilahleko efunyenwe.

(c) Inkululeko oyifunayo.

(ukuba isithuba asanelanga faka amaphepha
ongezelelweyo)

ITYIKITYWE E- _____ NGE- _____

UMBANGI

ONOKUMELA SIQU/

FORM MED-9
(Umgaqo 77(6) & 78(4))

INKUNDLA:

INOMBOLO YEFAYILE:

ISITEYITHIMENTI SOKUZIKHUSELA

AMAQELA:

AA

Ummangali

Kunye

BB

Ophendulayo

(Kufuneke igcwaliswe ngophendulayo)

1. INKCUKACHA ZOPHENDULAYO:

Ifani/Igama	_____
Amagama okuqala	_____
Idilesi yokuhlala	_____
Idilesi yeshishini	_____
Idilesi yeposi	_____
Imfonomfono	_____
Inombolo kanomyayi	_____
Inombolo yefeksi	_____
Imeyile	_____

2. Ingcaciso yokuzikhusela:

(a) Chaza ukuba uyavuma okanye awuvumi ngobango lwesiteyithimenti sombangi.

(b) IUKuba uyakukhanyela okubangwayo, cacisa elakho icala.

(c) Ukuba uyavumelana nebango, chaza okucelayo ngesiteyithimenti.

(ukuba isithuba asanelanga faka amaphepha
ongezelelweyo)

ITYIKITYWE E- _____ NGE- _____

OPHENDULAYO
ONOKUMELA SIQU/
IGUNYAZISWE
NGOKUSEMTHETHWENI

FORM MED-10
(Umgaqo 76(2))

INKUNDLA:

INOMBOLO YEFAYILE:

IMIYALELO EYA KUMLAWULI MBAMBANO

AMAQELA:

AA

Ummangali

Kunye

BB

Ophendulayo

IYA KUMLAWULI MBAMBANO	
UMHLA WOKULAWULA IMBAMBANO	

Nceda ufumane iikopi zala maxwebhu alandelayo:

- (a) _____
- (b) _____
- (c) _____
- (d) _____
- (e) _____

IKLAKA YOLAWULO
MBAMBANO
UMHLA WESITAMPU

FORM MED-11

(Umgaqo 80(3))

INKUNDLA:

INOMBOLO YEFAYILE:

UKUHANJISELWA KOMHLA WOKULAWULA IMBAMBANO

AMAQELA:

AA

Ummangali

Kunye

BB

Ophendulayo

Ngesivumelwano phakathi kwamaqela, inkqubo yolawulo mbambano ibibanjwe nge- _____ ukususela _____ ukuya _____ imiselwe u- _____ ngo- _____ ekuseni/ebusuku.

UMLAWULI MBAMBANO
(IGAMA)
UMHLA

FORM MED-12

INKUNDLA:

INOMBOLO YEFAYILE:

ISHITI YEXESHA LOKULAWULA IMBAMBANO

AMAQELA:

AA

Ummangali

Kunye

BB

Ophendulayo

UMHLA	TIME	UTYIKITYO LOMBANGI	UTYIKITYO LOPHENDULAYO

 UMLAWULI MBAMBANO
 (IGAMA)
 UMHLA:

FORM MED-13
(Umgaqo 80(2))

INKUNDLA:

INOMBOLO YEFAYILE:

IZIPHUMO ZOLAWULO MBAMBANO

AMAQELA:

AA

Ummangali

Kunye

BB

Ophendulayo

Iya: Iklaka yolawulo mbambano

1. Ulawulo mbambano olubanjwe nge-_____ luphumelele/aluphumelelanga.
2. Isivumelwano sokuzinziswa kwembambano sincanyathiselwe.
3. Ngesivumelwano amaqela afuna uzinziso lwenziwe/lungenziwa umyalelo wenkundla.

UMLAWULI MBAMBANO
(IGAMA)
UMHLA:

FORM MED-14
(UMGAQO 82)

INKUNDLA:

INOMBOLO YEFAYILE:

ISIVUMELWANO SOKUZINZISWA KWEMBAMBANO

AMAQELA:

AA

Ummangali

Kunye

BB

Ophendulayo

Nangona amaqela ayise ingxaki yabo kumlawuli mbambano;

Nangona maqela efike kuzinzo lwengxaki phakathi kwabo ngoncedo lomlawuli mbambano;

Nangona mamaqela eshicilela imimiselelo nemiqathango ozinzo;

Ngoko isivumelwano sihamba ngokulandelayo:

1. IMMIMISELO YOZINZISO

2. UGUNYAZISO LOKUNGENA KUZINZISO

Umntu ngamnye otyikitya isivumelwano ngokuzimela siqu obonisa ukuba yena unegunya eliphelele ukuzibophelela kwesona sigqibo.

3. IMVUME KWISIGWEBO

Umbangi/Ophendulayo uyavuma ukuba ngesiganeko sokungaphumeleli okubamba imimmiselo yesivumelwano, uMbangi/Ophendulayo lokukhuoha neklaki/umbhalisi kwenkundla isiVumo esibhaliwe kwisiGwebho esisayiniwe nguMbango/Ophendulayo kwaye bafumane isigqibo ngokomthetho okhutshiwe wecandelo 58 woMthetho weNkundla kaMantyi u- 32/ ka1944.

4. OKUNGAHLAWULELWA

Ukuba nayiphi imali ehlawulekayo sesi sivumelwano ingahlawulwa ngemini yokugqibela yonke lo mali isele iza kuphelelwa ngoko nangoko, ilityala kwaye ibhataleka.

5. UKUGCINWA KWEMFIHLO

5.1 Kuyaqondeka ngaphakathi kwamaqela kunye nomlawuli mbambano ukuba inkqubo yolawulo mbambano iza kubayeyabucale ngokwenene kwaye ayizukubanamkhethe.

5.2 Ingxoxo yolawulo mbambano, ebhaliwe oknaye exoxwa ngomlomo, nyasiphi isisombululo esakhiwe, kunye naziphi izivumelwano ezingatyikitywanga

azikukwamkelwa nakweyiphi inkqubo yenkundlwa, ngaphandle koku ezo nkukacha zifunyenwe ngemigaqo eqhelekile yenkundla. Iza kubasisivumelwano esingenelelwe kuphela, satyikitywa ngamaqela esingamkeleka.

5.3 AmaQela ayaqhubeka evuma ukuba akazukubiza umlawuli mbambano ukuba angqine ngokudibene nolawlulo mbambano okanye anikeze nayiphi na into esuka kulawulo mbambano enkundleni zamatyala eziphakathi kwala maQela.

5.4 AmaQela ayaqonda ukuba umlawuli mbambano unexanduva lomthetho ukuba angophula imfihlo ukuba ukrokrela ukuba kukho umntu osengozini yokwenzakala.

6. UMYALELO WENKUNDLA

Amaqela ayavuma ukuba uzinziso lwesivumelwano malenziwe umyalelo wenkundla/kungenziwa ngalo mzuzu.

7. UNGENELELO

Kwisiganeko sesivumelwano esingenziwanga njengomyalelo wenkundla naliphi iqela elaphula isivumelwano, icala elimoshiwe liza kubanelungelo lokufaka isicelo kwinkundla ukwenza esi sigqibo umyalelo wenkundla kwaye kufakwe imimmiselo yelo xwebhu.

8. IIMEKO EZINGAFANI NOKUNIKEZA NGAMALUNGelo OMTHETHO

AmaQela ayavuma ukuba izilungiso, unikezo gamalungelo omthetho okanye ukwehluka kwemimmiselo yesivumelwano kufuneke kubhalwe kwaye kusayinwe ngamaqela onke.

ITYIKITYWE E-_____ NGE-_____

AMANGQINA:

1. _____
UMBANGI
2. _____
ONOKUMELA SIQU/

IGUNYAZISWE
NGOKUFANELEYO
(faka ikopi yogunyaziso/
isisombululo)

AMANGQINA:

1. _____

2. _____

OPHENDULAYO
ONOKUMELA SIQU/
IGUNYAZISWE
NGOKUFANELEYO
(faka ikopi yogunyaziso/
isisombululo)

FORM MED-15
(Umgaqo 80(2))

INKUNDLA:

INOMBOLO YEFAYILE:

INGXELO YOMLAWULI MBAMBANO

AMAQELA:

AA

Ummangali

Kunye

BB

Ophendulayo

Iya: Iklaka yolawulo mbambano

1(a) Ulawulo mbambano phakathi kwamaqela beluqhutywe ngale mihla ilandelayo
kwaye ngalamaxesha alandelayo:

Umhla _____ Ixesha _____

Umhla _____ Ixesha _____

Umhla _____ Ixesha _____

(b) Ulawulo mbambano lwagqitywa nge _____

2. Ulawulo mbambano lenziwe ngempumelelp ephelele kwaye isivumelwano
sozinziso zigqityiwe.

OKANYE

3(a) Ulawulo mbambano luphumelele kwindawo wzithile kwaye oku kulandelayo kuvunyelwene ngako:

(b) Isivumelwano besigqityiwe/besingagqitywanga

OKANYE

4 (a) Ulawulo mbambano khange luphumelele ngezi zizathu zilandelayo:

(b) Amaqela akhethe ukuqhubeka nesimangalo/bangathathi amanye amanyathelo alandelayo/bathathe ixesha ukucinga ukuba baza kukhetha ukwenzani.

UMLAWULI MBAMBANO
IGAMA:
(UMHLA)

Ukuqalisa ukusebenza

5. Le migaqo iqalisa ukusebenza ngo- 1 Agasti 2014.
-

NOTICE – CHANGE OF TELEPHONE NUMBERS: GOVERNMENT PRINTING WORKS

As the mandated government security printer, providing world class security products and services, Government Printing Works has adopted some of the highly innovative technologies to best serve its customers and stakeholders. In line with this task, Government Printing Works has implemented a new telephony system to ensure most effective communication and accessibility. As a result of this development, our telephone numbers will change with effect from 3 February 2014, starting with the Pretoria offices.

The new numbers are as follows:

- Switchboard : 012 748 6001/6002
- Advertising : 012 748 6205/6206/6207/6208/6209/6210/6211/6212
- Publications Enquiries : 012 748 6052/6053/6058 GeneralEnquiries@gpw.gov.za
 - Maps : 012 748 6061/6065 BookShop@gpw.gov.za
 - Debtors : 012 748 6060/6056/6064 PublicationsDebtors@gpw.gov.za
 - Subscription : 012 748 6054/6055/6057 Subscriptions@gpw.gov.za
- SCM : 012 748 6380/6373/6218
- Debtors : 012 748 6236/6242
- Creditors : 012 748 6246/6274

Please consult our website at www.gpwonline.co.za for more contact details.

The numbers for our provincial offices in Polokwane, East London and Mmabatho will not change at this stage.

Printed by and obtainable from the Government Printer, Bosman Street, Private Bag X85, Pretoria, 0001

Publications: Tel: (012) 748 6052, 748 6053, 748 6058

Advertisements: Tel: (012) 748 6205, 748 6208, 748 6209, 748 6210, 748 6211

Subscriptions: Tel: (012) 748 6054, 748 6055, 748 6057

Gedruk deur en verkrygbaar by die Staatsdrukker, Bosmanstraat, Privaatsak X85, Pretoria, 0001

Publikasies: Tel: (012) 748 6052, 748 6053, 748 6058

Advertensies: Tel: (012) 748 6205, 748 6208, 748 6209, 748 6210, 748 6211

Subskripsies: Tel: (012) 748 6054, 748 6055, 748 6057